URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Devigi Pillay
ICandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
Devigi.Pillay@westerncape.gov.za | 021 467 2477

Inombolo yefayili.: 3/3/R
Isalathiso: 20221209-9855

ISetyhula: 0048/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zamaziko emfundo neMibutho yaBasebenzi eYaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Umhla we-27 Disemba 2022 –yiholide kawonke-wonke.*

Isihloko: Umhla wama-27 Disemba ubhengezwe njengeholide kawonke-wonke yesizwe

1. Ngokungqinelana nesigqibo sikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni sokuba isebe lephondo ngalinye liyimisele ngokwalo inkqubo yokwenziwa komsebenzi ngeli xesha leeholide, kwagqitywa ekubeni kuvalwe ii-ofisi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) ukususela nge-23 Disemba 2022 ukuya kwi-30 Disemba 2022 (iintsuku ezintlanu zokusebenza), ngaphandle kwamagosa enza imisebenzi ebalulekileyo. Ezi ntsuku zintlanu zabekelwa bucala le njongo kuphela zaza zatsalwa kwiikhredithi zekhefu lonyaka lomqeshwa ngamnye ose-ofisini kumjikelo wekhefu lonyaka lika-2022.

2. Ngomhla we-08 Disemba 2022, uMongameli weSizwe wazisa ukuba ngokungqinelana necandelo 2a loMthetho i-*Public Holidays Act*, 1994 (Act 36 of 1994), uLwesibini, wama-27 Disemba 2022, uya kuthathwa njengeholide kawonke-wonke.

3. Ngenxa yoku kukhankanywe apha ngasentla, uyaziswa ukuba uNondyebo kaZwelonke ulurhoxisile ngekhompyutha (*programmatically)* usuku lwekhefu lonyaka le-27 Disemba 2022 kwi-PESALI yaye wongeza usuku olunye kwiikhredithi zakho zekhefu. Ngokumalunga noku, ithuba lokuvalwa kwe-ofisi yeSebe iWCED lisaza kuqala **nge-23 Disemba 2022 ukuya kwi-30 Disemba 2022 (iintsuku ezine zokusebenza).**

4. Bayacelwa abaphathi bamacandelo/iisuphavayiza ukuba zazise okubhalwe kule setyhula bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-12-21